


You have Downloaded, yet Another Great Resource to assist you with your Studies ③

Thank You for Supporting SA Exam Papers

Your Leading Past Year Exam Paper Resource Portal

Visit us @ www.saexampapers.co.za





basic education

Department: Basic Education **REPUBLIC OF SOUTH AFRICA** 

### SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

**IPHEPHA LESIBINI (P2)** 

MEYI/JUNI 2024

### ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 80

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha angama-25.

DBE APPROVED		Umalusi Approved	
Approved Internal Moderator NJABA XN POD		NWSBey	
7/6/2024	DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION	7/6/2024	
	PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001		
	2024 -06- 1 0		
	APPROVED MARKING GUIDELINE		
	PUBLIC TO MINATION	EXAM	
Akuvumelekanga ukufotokopa	a eli phepha	PERS Tyhila iphepha	
		I LILLU	_

2 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha DBE/Meyi/Juni 2024

### EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- limpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

### IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

- 1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. (Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye).
- 2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.
- 3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.
- 4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.
- 5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.
- 6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

### 7. Imibuzo esisincoko.

Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

### 8. Imibuzo emifutshane.

**Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

- 9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.
- 10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

XIN

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001 APPROVED MARKING GUIDELINE PUBLIC CT DINATION

Tyhila iphepha

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

IsiXhosa Ulwimi Lwasekhaya (HL)/P2

2 3 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha DBE/Meyi/Juni 2024

**ICANDELO A: ISIHOBE** 

*IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO** 

### UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### 'AMANQAKU' – ZS Qangule

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. limpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa engqina ukuba izinto ocinga ukuba zizisa ubuhlungu zezona zikusa empumelelweni: Ezi zinto zisebenza ngambini, kodwa umviwa akunyanzelekanga ukuba aphendule ngolo hlobo.

- 'Ulwazi lufukame ubudenge, ubudenge yitrone yobulumko' ubudenge bunceda umntu azi ukuba akazi nto/ wenza impazamo atsho enze amalinge wokuba aphume kwingxaki angene kuyo ngempazamo yakhe, aze angayiphindi akufumana ulwazi olumkhaphelela empumelelweni.
- 'linyembezi ngumthombo wenkathalo, inkathalo ihlanjwa ziinyembezi' iinyembezi ziphuma xa ubani esiva kabuhlungu atsho enze iinzame zokuba ayiphephe imeko ethe yamlilisa. Uthi ukuze angaphinde akhathazeke awukhuthalele umsebenzi wakhe/ alungise isiphene esimenze buhlungu aze aphumelele.
- **'Intiyo iphuphuma luthando, uthando liyeza lentiyo'** Intiyo kukucaphukela into ngokungazenzisiyo kodwa iveza ukuthanda into echasene nayithiyileyo umntu. Luthando oluvela kwintiyo olusa umntu empumelelweni. Intiyo yindlela umntu abonisa ngayo uthando kwenye into, thando olo lumsa kwimpumelelo.
- 'Ukhula lutshaba lwesivuno, isivuno sondliwa lukhula' ukhula ludlela izityalo kuthi ngenxa yokudlela kwalo izityalo kunyanzeleke lususwe ukuze zikhule izityalo kuphume isivuno esihle. Ukuze kulunge kufuneka kubekho into engalunganga ethi yakususwa aphumelele umntu.
- **'Ukholo lulwandle lweenkolo, iinkolo sisifingo seentolo'** iinkolo ezininzi zizisa intlungu edalwa lukruthakruthwano nokungcikivana kodwa injongo inye yeyokukhonza, ukuzisa impumelelo.
- 'Impilo yambethe ukufa, ukufa yileli yobomi' Ukufa kukhangeleka kuyintlungu kodwa emveni kokufa kukho ubomi obungunaphakade, umntu kufuneka adlule kwintlungu yokufa ukuze aye kubomi obungunaphakade
- Zonke ezi zinto zikhankanywe ngasentla zizisa ubuhlungu kodwa kufuneka umntu azazi azamkele kuba zizo ezilisango elimsa empumelelweni. Ngeliphandle kufuneka umntu adlule entlungwini nasebunzimeni ukuze aphumelele.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

XIN.

PAPERS

Tyhila iphepha

[10]

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

lsiXhosa (	Ulwimi Lwasekhaya (HL)/P2 4 DBE/Meyi/Juni 2024 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha	
UMBU	ZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE	
<b>'USAN</b> 2.1	<b>A' – ZS Qangule</b> Lupholile √/Luzolile√/Luncumile.√	
	(Nasiphi na isibini)	(2)
2.2	luyalila √/luyagxwala √	(2)
2.3	(a) ukuhla kweenyembezi√ (b) kubonakalisa iinzingo zempilo√/(a) ukukhohlela√ (b) kubonakalisa ukufika kotshaba emzimbeni wosana.√ (Nayiphi kwezi)	(2)
2.4	Imbongi isebenzisa isigama esenza umfundi wombongo azibone sele eluthanda usana esinjengo: 'ungumciki wothanda/ulikhwezi/ukufika kwakho kuyimvula'.√√ (Xa ethe 'ewe' makangahlatywa kuba uxhasa impendulo ekuthiwa makayixhase. Angazixhasa ngokucaphula okuxhasayo kumbongo. Makanikwe.)	(2)
2.5	Umxholo walo mbongo uchaza ukufika kosana emhlabeni. $\sqrt{}$	(2)
UMBU	ZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE	[10]
'ISIQIT	HI SEENTINI' – TN Kabanyane	
3.1	Ngabantu abaneqhenqe $$ Ngabantu abalahlekwa ziingqondo. $$	(2)
3.2	Bahlaliswa belahliwe bade bawohlozeke.√/ Benziwa baxulubane bengekho zingqondweni kude kudliwe ofileyo√/ bayayekwa baphazame bangene emanzini ukuze badliwe ngookrebe.√ (Nasiphi isibini kwezi)	(2)
3.3	(a) Akubuza isizekabani $$ (b) Ayenyolwa ngomnwe. $$ (a) Akuphindisa $$ (b) kuthiwe angamadelambuso avalelwe esiqithini. $$	(2)

3.4 Imbongi iveza uludwe lwabantu abangamaXhosa ababeyikhalazela indlela yokusetyenziswa kwesigithi sentini.  $\sqrt{\sqrt{Isebenzisa}}$  umbuzo buciko ukuhlokoza iingcinga zabafunda lo mbongo ngobucalanye bembulaleko ekwesi sigithi √√/iveza ngokuchaseneyo iindlela abonwabe ngayo oondlebe zikhany' ilanga ngeli xesha abantu abakhalazayo bathontelana kwisiqithi sentini ngokuvalelwa.√√ (Nayiphi kwezi)

(Xa ethe 'ewe' makangahlatywa kuba uxhasa impendulo ekuthiwa makayixhase. Angazixhasa ngokucaphula okuxhasayo kumbongo. (2) Makanikwe.)

DEPARTMENT OF BASIC Tyhila iphepha Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0901 X.N. NWE 2024 -06ñ 12.85 APPROVED MARKING GUIDELINE PUBLIC

lsiXhosa l	Jlwimi Lwasekhaya (HL)/P2 5 DBE/Meyi/Juni 2024	
3.5	SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha Umxholo walo mbongo ungokuqhankqalazela ukusetyenziswa gwenxa kwesiqithi ukoxutha amalungelo wabantu abaNtsundu.√√	(2) <b>[10]</b>
UMBUZ	ZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE	
'IMFEC	ANE' – JJR Jolobe	
4.1	Ngamadoda √/abafazi√/usapho√/√iimbacu √/amafaca.√ (Nasiphi isibini kwezi)	(2)
4.2	Izixeko zabo zaziseziluvundu√/kwakusele amagquba kwindawo ababeme kuzo√/kwakusisisi ngemva.√ (Nasiphi isibini kwezi)	(2)
4.3	(a) Baphelelwa lutshongo $$ (b) bafunzela ngodaka. $/(a)$ kwajaceka izambatho zabo $$ (b) banxiba ingca yasendle. $$	(2)
4.4	Imbongi isebenzisa isigama esidala uvakalelo losizi novelwano esinjengo: 'Ngamabona-ndenzile/bethubeleza/, basinda cebetshu kwiingozi zamarhamncwa, Zancwina, zizigulo'.√√	
	(Xa ethe 'ewe' makangahlatywa kuba uxhasa impendulo ekuthiwa makayixhase. Angazixhasa ngokucaphula okuxhasayo kumbongo. Makanikwe.)	(2)
4.5	Umxholo walo mbongo ubalisa ibali lentlungu yokubhaca kwabantu beshiya imizi yabo isitsha besiya apho bangaziyo ngexesha leMfecane bade bamkelwa nguGcaleka. $\sqrt{}$	(2) <b>[10]</b>
UMBUZ	ZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE	
THAND	A UHLANGA – WALTER D. CINGO	
5.1	Isenzo sokungazi bantu. $\checkmark$ /sokungabinanto nokufa kwabantu. $\checkmark$ /sokungabinanto	

5.1	Isenzo sokungazi bantu.√/sokungabinanto nokufa kwabantu.√/sokungabinanto nokutsha kwelizwe√/ sokungenzi nto yakunced' isizwe.√/Sokuthanda intlutha.	
	√/Sokuthanda intselo.√ (Nasiphi na isibini.)	(2)

(1)

(2)

'Bath' abantu'.√ 5.2

- Kukudala undindwano $\sqrt{/kukudala}$  isingqisho. $\sqrt{/Kukwenza}$  umbongo uvakale kamnandi $\sqrt{/kukwenza}$  umbongo ubebungoma. $\sqrt{}$ 5.3 (1)
- Kwesi sitanza kuthethwa ngomntu ongavakalelwayo ngomnye umntu nongafuni kunceda mntu ngezinto anazo.  $\sqrt{\sqrt{}}$ 5.4

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha	DEPARTMENT OF BASIC	Tyhila iphepha
	PRIVATE BAG X898, PRETORIA 0001	<i>,</i> ,
XIN'	2024 -06- 1 0	NWS
	APPROVED MARKING GUIDELINE	
	PUBLIC	

6

IsiXhosa Ulwimi Lwasekhaya (HL)/P2

DBE/Meyi/Juni 2024

- SC/NSC Isikhokelo Sokumakisha
  (a) Masishiye amawonga sincame nokonwaba kweziqu zethu√ (b) sivuse uhlanga lwethu simele nesizwe sethu.√
- 5.6 Lifuthe lokuhlokoza iingcinga zomfundi wombongo malunga nendima amele ukuyidlala esizweni.√√/Lifuthe lokuvuselela isazela kumfundi wombongo malunga nendima afanele ukuyidlala esizweni.√√

### AMANQAKU ECANDELO A:

(2)

(2)

[10] 30

### ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### INKAWU IDLIW'ILILA – S Kula

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

DEPA	RTM DL	ENT	of 8 Ion	ASIC
PRIVAT	E DAG	X896, P	RETOR	IA 0001
	2024	-06-	10	<b>法律</b> 公
APPRO	VED M	ARKIN	g guii	DELINE
PUE	BLIC	171 7	TENLAT	19-1-0.1

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

NUS



XIN

7

### SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

Umviwa angacangcatha kwezi ngongoma xa engqina ukuba ukunganyaniseki kulutshaba lwempumelelo ejonge uMfuneko kule noveli. UMfuneko uzibonakalisa ukunganyaniseki kumsebenzi wakhe wokubalipolisa awuqeshelweyo aze aphinde azibonakalise ukunganyaniseki nakubudlelwane abakhayo kule noveli. Konke ukunganyaniseki akwenzayo kule ncwadi kumenza angaphumeleli kwiinjongo zakhe.

- UMfuneko uqeshwa njengepolisa aze abonakalise ukunganyaniseki ngokwenza izinto athi xa ezithethelela uzenza kuba umvuzo wakhe uphantsi.
- Ukunganyaniseki kwakhe kubonakala kubuqhophololo obendeleyo abenzayo. Ubonakele ezama ukuba ityala lokuphanda ngokufa kukaMsindisi anesandla kuko liphandwe nguye. Uyamphamba umthetho kungaphumeleli ukulinikwa ityala kuba kusetyenziswa umthetho othi kufuneka uqale ubelilalela ukuze unikwe ityala uliphande. Ngokwale meko usala enganyanisekanga kuThantaswa amthembisileyo ngokuliphanda ngokwakhe eli tyala kanti nakuye buqu.
- Ukunganyaniseki kwakhe kuvela kubunyoka aphikele ukubenza ngabesipolisa asebenza nabo. Uqala ukunyoka uMapheza ngobumpimpi koogxa bakhe nakwabaphetheyo kodwa isiphumo ekugqibeleni kwebali sesokuba ubonwa kwangoogxa bakhe ukuba uyimpimpi. Akaphumeleli ke ngoko kwimizamo yakhe yokufuna kuphakanyiselwe amehlo uMapheza njengempimpi.
- Kubudlelwane bakhe akanyaniseki kobakhe noThantaswa ongunina womntwana wakhe. Ungena ephuma kobu budlelwane kuba ubonakalisa iimpawu zokuba nguzungulichele ade abhaqwe ekugqibeleni nguThantaswa amdubule afe azidubule naye. Akaphumeleli ukudlala ngoThantaswa nanjengokuba ebefuna ilifa likaMsindisi ngolo hlobo.
- Njengoko engumntu wamayelenqe, kudula ukunganyaniseki kubudlelwane abenzayo. Uzuza uNqoza, afune ukumsebenzisela ukuphazamisa uphando lukaMapheza. Ekugqibeleni akaphumeleli kuba uNqoza ugqibela embhaqile ukuba uyinyoka kwaye umenza ukhuni lokoja nangona naye ebesele edyobhekile nje. Uphando lukaMapheza luqhubekeka luye esiphelweni noxa uMfuneko embekela iindidi ngeendidi zamayelenqe nezabatha. Izabatha azibekayo zilibazisa uphando kuba ukhe alale nasesibhedlele uMapheza ophandayo kanti konke kuthenga ixesha lokuba ade avele yena Mfuneko kuloo mayelenqe. Nanko exabana noSiphongo sele ehambise ulwimi kanti iyelenqe abelenza noSiphongo liphanzile. Ufundwa nangooSiphongo ukuba akananyani aze ngolo hlobo angaphumeleli ukubulala amandla kaMapheza okuphanda. Umkhondo uMapheza obemele ukuba wafa ngokwenzame zikaMfuneko uwufumana ephanda kwaMbuzeli kuba usaphila.
- Ukuthanda imali sesona siphako kwezininzi anazo uMfuneko. Sisixhobo esimveza njengonganyanisekanga umnikazi. Kuba lutshaba kuye ukuthanda imali kuba waphumelela kwelikaNompumelelo ityala, livamphamba nandona ekhe elikaThantaswa kuba akanamhlaba wakufihla amadokethi. Ngaphezulu olu thando lwemali luhamba lude lumrhintyele. Nanko ede abulawe nanguThantaswa emva kokuba kuphanze ukunyoba uMdlambila. Akaphumeleli ukuzama le mali ngenxa yokunganyaniseki kwakhe. Nanko ekhwazwa nguSiphongo bade baxabane ngenxa imali ngeendlela ezimnyama. Kanti uThantaswa umbulalela vokufuna kwaukunganyaniseki kwezemali.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

XIN'

DEPARTMENT OF BASIC PRIVATE DAG X898, PRETORIA 0001 APPROVED MARKING GUIDELINE TIMI ATOF PUBLI

lsiXhosa U	Jlwimi Lwasekhaya (HL)/P2 8 DBE/Meyi/Juni 2024	
yon	SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha unganyaniseki kukaMfuneko kule noveli kube lutshaba lwempumelelo yakhe kuyo ike imibono abenayo.	
(Nayipn	ii na impendulo echanekileyo)	[25]
UMBUZ	ZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE	
INKAW	<i>U IDLIW'ILILA</i> – S Kula	
7.1	Kukukrokeleka (ngumthetho) ukuba uyabandakanyeka kwisenzo sokubulawa kukaMsindisi. $\checkmark$	(1)
7.2	Yeyokuba uya kumbhatala ngemali eninzi neyakumonwabisa akuba elenze laphelela emoyeni ityala abekwa lona lokubulawa kukaMsindisi. $\sqrt{}$	(2)
7.3	Zange aphumelele kuba imfuneko yokuba abe ebelilalela ngobusuku bokugetyengwa kukaMsindisi ukuze atyunjwe abe ngumphandi akayizalisekisanga√√ /UMfuneko zange aphumelele kuba zange afe uMapheza lo ebeza kuzigqatsa xa efile.√√	(2)
7.4	'Makafe naye lo Mapheza ukuba unayo indlela.' $$ 'Nokuba wenze ntoni na ngaye, ukuba nje mna andiyi kubanjwa ndivalelwe kwakuba kulungile.' $$ (Nayiphi na kwezi.)	(1)
7.5	Zange bade batshate kuba uThantaswa wamdubula uMfuneko wazidubula naye bengekatshati. $\sqrt{}$	(2)
7.6	Ngokuthi afumane ababulali bakaMsindisi baze babanjwe. √ /Ngokwenza ukuba kunqunyanyiswe uNqoza noMfuneko abebemsezela umoya malunga nophando lwetyala lokubandakanyeka kukaThantaswa ekufeni kukaMsindisi.√ /Ngokwenza ukuba kuvalwe iimali zikaMsindisi ebhankini.√ (Nasiphi na isibini esichanekileyo.)	(2)
7.7	Isaci sithetha ukufakwa engxakini kungabikho lusizi nalapha kwenziwa iinzame zokumbulala ngetyhefu entywizisa njengenkawu.√√/ kuzanywa ukumbulala ngovutha becinga ukuba uza kufa.√√ (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)	(2)
7.8	Luzobo mayana√ kuba ukuzoba mayana kusenokuxela izenzo zomlinganiswa aze ofundayo ahlumise isimo kwezo zenzo √ nakwesi sicatshulwa sichazelwa ukuba uMfuneko umthetho wakhe wayenamava okwaphula umthetho wayengaqali ngowokufa kukaMsindisi kutsho kuvele isimo sakhe.√	(3)
7.9	Lilifa likaMsindisi.√√	(2)
7.10	Kukothuka izinto sezabelwe uPhumlani engakhange afake sandla ukuqinisekisa ukuba uyabelwa naye njengomfazi olilungelo kaMsindisi. $\sqrt{}$	(2)
Akuvumel	ekanga ukufotokopa eli phepha	



DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION PRIVATE DAG X855, PRETORIA 0001 APPROVED MARKIN G m PUBLI

NWS

lsiXhosa Ulwimi Lwasekhaya (HL)/P2 9 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha DBE/Meyi/Juni 2024

7.11 Ndicinga ukuba wayebhadlile kuba kwathi kanti ekuhambeni kwexesha uThantaswa sele eneenjongo zokufumana izabelo kumashishini kaMsindisi/ Kuphawuleka ngeenzame zikaThantaswa ngoku sele eswelekile uMsindisi ukuba kanti uThantaswa ubeneenjongo zokufumana ilifa likaMsindisi elingangxengwanga ade abele nabangaphandle abafana noMfuneko.√√

### OKANYE

Ndicinga ukuba uMsindisi wayengabhadlanga kuba uThantaswa njengomfazi uhleli enalo ilungelo elingenanto yokwenza nomntwana kwizinto zikaMsindisi nangoku watsho wadlanga ngelithi unamalungelo obufazi amele ukuba athathelwe ingqalelo xa kusabiwa ilifa lomyeni wakhe. $\sqrt{\sqrt{}}$ 

(Nayiphi impendulo echanekileyo)

(2)

(2)

- 7.12 Akafumananga kwilifa likaMsindisi√/akatshatanga noMfuneko.√/akafanga uMapheza. √
   (Nayiphi impendulo echanekileyo)
- 7.13 Imfene sisilwanyana esaziwa ngokusetyenziselwa ukwenza imisebenzi emdaka ngoko ke noNqoza usetyenziselwa ukwenza imisebenzi emdaka nguMfuneko efana nokungcothoza /nokutyisa uMapheza ityhefu.√√

(2)	
[25]	

RIVAT	RTMI DU	(895, P	RETO	RIA 000
	2024	-06-	10	
	OVED M	ARKIN	G GU	IDELIN

SA EXAM

PAPERS

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

NWS

X.N.

2 10 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha DBE/Meyi/Juni 2024

### UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO

### NYANA WAM! NYANA WAM! -- WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

### Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

Umviwa angacangcatha kwezi ngongoma ukungqina ukuba ukunyaniseka kunkcenkceshela impumelelo xa ejonge uMangaliso kule noveli. UMangaliso ofudula enguThole uba nguMangaliso ngenxa yokunyaniseka kwisifungo asenzileyo eselula. Indlela yakhe ithi inde, inamagingxigingxi kodwa ngokunyaniseka, asikhumbule isifungo sakhe, aguquke enze okuhambelana naso, lifezeke iphupha lakhe de kufezeke namanye amaphupha abengazange awavulele mlomo.

- UThole uvela ngokungathi akanyanisekanga kwimpumelelo yakhe ngezenzo. Ibali lona liveza kwangezenzo ukuba isazela sakhe sinyanisekile sona. Sisazela esinkcenkceshela impumelelo yakhe kwanomoya weNkosi ophila ngaphakathi kuye.
- Ubonwa esela noThemba noSonwabo kwindlela eya eBhayi kodwa inyaniso ithelele ngesazela abhomboloze endaweni yokonwabela utywala nabahlobo abadala bakhe.
- Umbhali umenza abe ngathi iyamkhova ibhotile yotywala engasenanto xa izincoma ngokuthi 'Ndinigqibile'. Uyasothula isikhalo ade athi sele elele aphathwe sisingqala. Eso singqala sinkcenkceshela ukungonwabi okumenza ahlale ezifuna ukuba kanti yintoni le angayenzanga.
- Xa ehamba iindlela ezinganyanisekanga ezifana nokuya kuloNomsa uvuthululwa sisazela namazwi omfo wakwaSigxabhayi. Kuyaqwela ukubethwa nguJoe neqela lakhe kube kumenza aphindele ngokukhawuleza kwisifungo awasenza kudala. Nangoku ubhambathisa ukuyisebenzela iNkosi. Kuthe kanti oko komenza alicinge kwakhona ikhaya. Oku akuhambi ngaphandle kweziphazamiso.
- IKnysna iba sisiphazamiso yona ngokwayo nezoyikiso kodwa ibuye ivele iNkosi ngencwadana awayeyiphiwe nguThozama nebhayibhile. Iphupha lomfo othwele umnqwazi wameva linkcenkceshela ngokumbuyisela kwisifungo sokusebenzela iNkosi.
- Iphango limenza ayisebenzele ngeendlela ezingezizo iNkosi ezikukubaligqirha. Ukunyaniseka kumkhupha apho ngamaphupha neentshumayelo ezivuselela isifungo awasenzayo. Ngesi sihlandlo uyalithatha icebo athengise imfuyo agoduke. Xa efika ekhaya uthatha isigqibo sokubuyela esikolweni. Sesi sigqibo esinkcenkceshela ukuba ade aluthathe ubizo lobufundisi.
- Ukunyaniseka kwakhe asabele ubizo lobufundisi lumenza abengumfundisi ophum'izandla owaziwa kumazwe ngamazwe.
- Ukunyaniseka kwakhe kubizo lobufundisi kuyamvuza ngokumdibanisa noyise athe kanti usenaye engazi.
- Unozinzo emtshatweni nasekhaya ngenxa yokunyaniseka. Unengqili yekhaya ngenxa yokunyaniseka kumsebenzi wakhe wobufundisi. Unekhaya elifumileyo elinomzali

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

XIN.

DEPARTMENT OF BASIO DUCA PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001 APPROVED MARKING GUIDELINE PUBLIC PUBLIC PUBLIC

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

IsiXhosa Ulwimi Lwasekhaya (HL)/P2

### 2 11 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha

kwangenxa yokunyaniseka okunkcenkceshele yonke impumelelo yakhe ukusukela ekufundisweni sisifundisi, sihlawule iindleko zakhe zokufunda ukuya kuthi ga ekubeni anikwe ibandla elilelakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

### UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

### NYANA WAM! NYANA WAM! - WK Tamsanqa

- 9.1 Wawungonyana wolahleko owabuyela ekhaya akuthwaxwa lilizwe. $\sqrt{}$  (1)
- 9.2 Ngokomxholwana wokulahleka kukaThole la mazwi amkhumbuza isenzo sakhe sokulahleka kumakhaya amabini, ikhaya lakhe lokuzalwa nekhaya lakwamoya. Utsho azibone ukuba naye angayenza le nto agoduke azicelele uxolo ngokwezithethe zala makhaya akhe. $\sqrt{\sqrt{}}$
- 9.3 Waphumelela kuba walwamkela ubizo wade wafundela ubufundisi. $\sqrt[4]{}$  (2)
- 9.4 UMangaliso uxolele ukuncama ubuxhwele kuba uyabuncama ubutyebi abufumana ngobuxhwele, athengise imfuyo, agoduke. $\sqrt{}$  (1)
- 9.5 Bade batshata kuba sasikho isiganeko sokutshatiswa kwabo yicawa.√√/Bade batshata kuba uThozama uyinkosikazi kaMangaliso ngexesha abhaqa uyise kaMangaliso.√√ (Nayiphi kwezi.)
- 9.6 Ngokumenzisa izinto ezinxamnye neenjongo zokubangumfundisi ezifana nokumseza utywala.√ ngokumsa kwabo eKnysna kwaduka injongo yobufundisi kwagqama ukubalixhwele.√ (Nayiphi na impendulo yomfundi echanekileyo)
- 9.7 Siyityhila ngokuba uThole ugqibela elandela ubizo lobufundisi. $\sqrt[4]{}$  (2)
- 9.8 Luzobo mayana√ kuba ukuzoba mayana kuxela isenzo endaweni yokunika uluvo ngomlinganiswa √ nakwesi sicatshulwa sixelelwa into eyenzeka kuThole ukuze sisukele kuyo ukuhlumisa ukuba ungumntu onesazela.√
- 9.9 Yinkumbulo yokuba esengumntwana wayethe ufuna ukufana nomfundisi owayezidlulela ngakuye. $\sqrt{\sqrt{}}$
- 9.10 Kukuya ngaphambili ngokomgaqo wecawa uzazise ukuba ufuna ukusebenzela iNkosi. $\sqrt[4]{}$
- 9.11 Wayezibambile izicaka zikaThixo kuba incwadi ithi kwaphakama isihlanu sonke samadoda sazinikela akuzinikela yena. √√/ibali liqhubeka lithi mhla wazinikela yagcwala inkonzo yaseGeorge Goch eyayiseyilambatha ngamarhamente, wenjenjalo nakuCentane kwahluma konke okungumzila wakhe enkonzweni.√√

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

XIN'

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION PRIVATE BAG X885, PRETORIA 0001 APPROVED M PUBLIC

Tyhila iphepha

[25]

(2)

(2)

(2)

(3)

(2)

(2)

(2)

DBE/Meyi/Juni 2024

12 SC/NSC - Isikhokelo Sokumakisha DBE/Meyi/Juni 2024

(2)

(2)[25]

- 9.12 Kukubethwa ngooJoe eBhayi.√/Kukugwengwa kukaThemba noSonwabo ziingonyama ebukele. $\sqrt{}$  kukubanamaphupha angamlalisiyo.  $\sqrt{}$ (Nasiphi isibini kwezi)
- 9.13 Ubizo kukubizwa nguThixo ukuba umsebenzele nakule noveli abanye abefundisi abebengxamele ubufundisi lungekho ubizo boyisakala endleleni. $\sqrt{\sqrt{2}}$

### UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

X.N.

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo • kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukilevo nezichanekilevo ezibonisa ubunggina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

### Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

ngongoma ukunggina ukuba ukunvaniseka Umviwa angacangcatha kwezi kunkcenkceshela impumelelo xa ejonge uMfazwe kule noveli. UMfazwe unyaniseka ngokuthi athathe ubutshantliziyo aze aphumelele ebomini kuze kude kutshintshe neemeko zokuphila zezwe lakhe.

- UMfazwe uvezwa elitshantliziyo, elikholelwa kwimfundo. Ukubanomgolo, ubukroti, • umonde, ukufunga angajiki zizithako azinikiweyo zokudulisa ukunyaniseka kwakhe kuxanduva alubekelweyo kule noveli.
- Ukunyaniseka kwakhe kunkcenkceshela impumelelo ekubeni • enqumfundisintsapho wezifundo zezeMbali esikolweni, iFunda. Luxanduva olunzima olu ngexesha lengcinezelo. Nabanenyani bazibona beteketa xa ukuthetha inyani kuphendulwa ngokuvalelwa ejele. Batya amankanya, bashwamze xa ukuthetha inyani kuphendula ngokuguqulwa komntu abeyimpimpi. Zizixhobo zikaMfazwe ezityhile unyaniseko ezi.
- Xa kufunwa abeyimpimpi ude adliswe ngezinja evalelwe engxoweni, akhatywe . esengxoweni enuka umchamo emotweni ehambayo. Konke oku kunkcekceshela unyaniseko kwinjongo yokulwela amalungelo abantu boMzantsi Afrika. Unyaniseka apho azixelele ukuba akasoze abeyiyo impimpi.
- Unyaniseka uMfazwe sele ethunyelwa ngoFriday obefudula engumhlobo wakhe waze wagalelwa ityhefu yokubayimpimpi. Akayithathi uMfazwe le ntambo kuFriday koko uthi ngokujikelwa nguFriday kufuneke ade abhace xa sele ingxaki ingena nasekuthatheni ikhaya lakhe.

DEPARTMENT Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha 2024 PPROVED

IsiXhosa Ulwimi Lwasekhaya (HL)/P2 13 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha

> Sele abazali bakhe bebulewe nezizalwane akatyhafi uqhuba anyaniseke kumzabalazo wenkululeko alithathe icebo lokuya elubhacweni neengxaki zendlela eya apho. Uphumelele ke nangoku uyijaji kwityala likaFriday sithetha nje ngenxa yokunyaniseka kwakhe kumzabalazo.

> Ilahleko yakhe kaNokuzola ikuvuza ukunyaniseka kwakhe ngokuthi kanti ehleli nje unonyana wakhe kuNokuzola awayecinge ukuba umncamela uFriday. Ukufa kukaNokuzola akubanga yilahleko kwaphela.

(Nayiphi na impendulo yomfundi echanekileyo.)

### UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

### UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

11.1	Yintlanganiso yabahlali abalwa ingcinezelo. $\checkmark$	(1)
11.2	Yeyokuba wayesoyikisela ukuba kwakufunyaniswa icala akulo uya kubasengozini equka neyokubulawa. $\sqrt{}$	(2)
11.3	Waphumelela kuba kwafezeka ukubashiya xa waya elubhacweni, eMthontsi. $\sqrt{\sqrt{2}}$	(2)
11.4	'Enye into ndandinganqweneli ukuphinda ndibone ubuso bukaFriday noNokuzola.' $\checkmark$	(1)
11.5	Abazange bathandane kuba kwacaca ukuba uFriday ubemsondeza uNokuzola engaqondi ukuba uneenjongo zokungcungcuthekisa uMfazwe. $\sqrt{}$	(2)
11.6	Wenza ukuba uMfazwe azondwe ngabafundi bakwaQaka.√/Umenza aziwe njengempimpi wahamba engcuchalaza engakhululekanga kumhlaba wakowabo kuba engade avume ukude abe yiyo.√/Utshisa ikhaya likaMfazwe.√/Usisizekabani sokuduka kwabazali bakaMfazwe bade bagqibele beswelekile.√	
	(Nayiphi na impendulo echanekileyo)	(2)
11.7	Liyityhila ngokuba abazali bakaMfazwe bagqibele betshiselwa umzi, bayokuphumla kwamalume kaMfazwe/bagqibela bephumla ngonaphakade uMfazwe eseselubhacweni. $\sqrt{}$ (Nayiphi na impendulo echanekileyo)	(2)
11.8	Luzobo ngqo $$ kuba ukuzoba ngqo kukuchaza ngokungafihlakalanga isimo	

11.8 Luzobo ngqo√ kuba ukuzoba ngqo kukuchaza ngokungafihlakalanga isimo neempawu zomlinganiswa√ nakwesi sicatshulwa kuchazwa isimo okanye uphawu lukaFriday lokubangungantweni ongenaxabiso. √

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

XIN

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION RIVATE BAD X098. PRETORIA 000 APPROVED MARKING GUIDE! PUSSL

Tyhila iphepha

DBE/Meyi/Juni 2024

[25]

lsiXhosa Ulwimi Lwasekhaya (HL)/P2	14	DBE/Meyi/Juni 2024	
SC/NS	SC – Isikhokelo Sokumakisha		
(Nayiphi na impendulo ec	hanekileyo.)		(3)

- 11.9 Kumnika amandla nanjengoko engenakutya. $\sqrt{\sqrt{3}}$
- 11.10 Kukuya elubhacweni aqeqeshwe njengejoni labalwi bengcinezelo. $\sqrt{1}$ Kukufundela ubuggethwa elubhacweni azokugweba abacinezeli. $\sqrt{\sqrt{}}$
- 11.11 Likho kuba eneneni uthando lwakhe luyonakaliswa yintsebenziswano kaNokuzola noFriday ngoko makazame uNokuzola ahlukane nokuzisondeza kuFridav.√√

### **OKANYE**

Alikho kuba ngokwebali kuthe kanti akukho nto iqhubekayo phakathi kukaNokuzola noFriday nguye ovula uthanda phakathi kwakhe noNokuzola ngokuhambela kude kuye ngezikrokro zakhe. $\sqrt{\sqrt{3}}$ 

- Kukubulawa kwabantu abangenatyala kwaQaka. $\sqrt[4]{/kukutshiswa kwezikolo}$ 11.12 bangafundi. 1/1/kukungcungcuthekiswa abantwana nokubanjwa ukuze kuvalelwe abantu abangenatyala. $\sqrt[3]{//Kukucinga}$  ukuba ushiywe nguFriday kuNokuzola.√√ (Naviphi na impendulo echanekileyo)
- Indelelo ivela ngokuthi igama likwaqulethe intsingiselo yokuba uMfazwe 11.13 ulibona lilincinci kwaye kulula ukulilwa idabi lakhe noFriday lifikeleleka kunedabi ajongene nalo lokukhulula uMzafrika. $\sqrt{\sqrt{2}}$ (Nayiphi na impendulo echanekileyo)

### UMBUZO 12: UMBUZO OMDE

### **UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo • kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubunggina • bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo. •
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

Umviwa angacangcatha kwezi ngongoma ukunggina ukuba ukunganyaniseki kukaDvakalashe kulutshaba kwimpumelelo vomlinganiswa kule ntsomi. UDvakalashe akaphumeleli kwilinge lokwenza ukuba afumane isabelo esingcono kunesabanye abalinganiswa kuze kubonakale kulutshaba kwimpumelelo yakhe.

Ukunganyaniseki kukaDyakalashe kuphuhla kwisiphiwo anaso sokuzalwa enobughophololo, enenkohlakalo, de kuyokuma ngokonwabela intlungu yomnye umntu angaxabisi nobuhlobo

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha DEPARTMENT OF BASIC Tyhila iphepha EDUCATION RIVATE DAG X895, PRETORIA 0001 X, N. APPROVED MARKING GUID PUBLE

(2) [25]

(2)

(3)

(2)

(2)

(2)

- Isimo sobuqhophololo bukaDyakalashe sivela xa acebisa abanye abalinganiswa ukuba baziphathele utshongo yena uzophatha izinto ezimnandi. Xa kuqhalwa seyinguye othi akucelwana. Apha ubanempumelelo yethutyana.
- Ubuqhophololo bakhe buvela nangokuzazi kwangoko ukuba uza kulunywa sisisu eluhambeni. Ukunganyaniseki kukwinjongo yokuba ufuna ukutya okumnandi yedwa ngexesha uMvolufu asaye kumkhelela igqabi lokunyanga isisu ukuze angakhothi naphantsi. Nangona ephumelela kuMvolufu, akaphumeleli kwixhoba lakhe lesibini elinguMfene.
- Inkohlakalo nokonwabela intlungu yomnye umntu kuvela xa eyolelwe kukutya kamnandi ngelixa esomiwa lutshongo uMvolufu. Kwityeli lesibini kuvela xa esitya ukutya kukaMvolufu ebukhweni ngoku esaqhaqhatheka eyokukha igqabi elingazukwenza nto.
- Ukunganyaniseki kukaDyakalashe kuvela ekubeni engumlinganiswa ongabuxabisanga ubuhlobo ngokuthi asoloko ebabhanxa abahlobo bakhe, uMvolufu noMfene. Kuba lutshaba lwempumelelo kuye xa uMfene eziphathela okwakhe ukutya aze awe phantsi kwilinge lokumenza intlekisa uMfene. Uhleka intsinimenyo eluphawu lokuphoxeka xa efumanisa ukuba uMfene akaphoxekanga.
- Akaphumeleli ngenxa yokunganyaniseki xa ehlangana nentanga yakhe emaqhingeni njengoMfene olithi gqwathu alifake epokothweni igqabi ukuze angayi kwindawo yokukha igqabi azimisele ukumthuma kuyo. Liyafadalala icebo lokumenza uMfene emke angabikho sendaweni yokutya. Ngelakhe ufuna ukutya nokukaMfene othe kanti sele ecwangcisile. Ufa namthanyana ke kwelo. UKUMKANIKAZI NOLIZWE SANDILE
- Ukunyaniseka kwezenzo zikaNolizwe oyinkosikazi yakomkhulu kwaSandile kumenza aziwe ngemisebenzi emihle yokukhusela amaRharhabe. Uyathandwa ade anconywe ngabantu besizwe sakhe kuze oko kuvele njengempumelelo.
- Ukubizwa sisibongo ngokuba ngumalusi bubungqina bemisebenzi yakhe yenyaniso. Umalusi kwaXhosa waziwa ngokunyaniseka ekoluseni umhlambi.
- Isibongo simbiza njengomvali ovalele'ezimaxhaka. Luphawu lokunyaniseka olu kuba kuthethwa ukuba uyabakhusela abantu bakhe.
- Waziwa nangentembeko eveliswa ngokuthi umbongo umkwekwe ngokumbiza ngenkomo eyimazi ukuzoba umfanekiso wokubangumama kubantu besizwe sakhe. Sithi ukwangumalusi oko kubonisa ukuba akapheleli nje ngokubanophawu lobunozala koko uphinda ajonge nendlela abaphila ngayo abantu besizwe sayo. Ukululama luphawu oluhamba nokunyaniseka nokuthetha kamnandi nabantu bakhe. Ezi zenzo zakhe zimvuza ngokuthandwa nokunconywa ngabantu bakhe kuba ukubonwabisa kwabo kwenza umanyano nenkqubela esizweni sakhe.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

XIN

PEPARTMENT OF BASIC EDUCATION PRIVATE BAG X255, PRETORIA 0001 -06- 1 APPROVED MARKING GUIDELINE PUBLIC ----

Tyhila iphepha

2 16 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha DBE/Meyi/Juni 2024

Ukunyaniseka kwakhe kuveliswa kuneziphumo ezihle xa enconywa ngako sisizwe sakhe. Ungumntu ongumama ongabalahlanga abantu bakhe nesizwe sakhe akufelwa ngumyeni wakhe. Seso sizathu esenza isibongo siphawule ngokomelela kwakhe eme nokuba sele engasenaye nomyeni lowo wayeyinkosi yamaRharhabe. Unesakhono sokongamela, akhusele amaRharhabe. Imbongi ide ithethe naye imyaleze ngabantu abathile besizwe sakhe kunye nezinye izinto amakazenze. Oko ngumvuzo kuba kubokalisa ukumthemba uNolizwe.
 (Nayiphi impendulo echanekileyo)

[25]

### UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

### UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI SWANA MMI nabanye

13.1 Ingemvelaphi yesaci esithi ukuza kukaNxele $\sqrt{1/2}$ Ingembali yeenkosi ezimbini ezazihlala emanzini uTayi noDalidephu ekwakufuneka zihlonitshiwe ngabantu bakwaNdlambe ngokuzikhahlela xa bewela umlambo. $\sqrt{\sqrt{3}}$ (Nayiphi kwezi) (2) 13.2 (1)Kukubonisa indlela ezazihlonitshwa ngayo iinkosi ezi. $\sqrt{}$ 13.3 Waphumelela kuba abantu babezenza izinto abayalela ukuba bazenze kuba besovika ukujika babeziimbovane abanye babeziinkuni, nokumka noghwithelo lomoya.√√ (2) 'Wabanjwa ngamaNgesi, xa eyokungenela iRhini nemidushane, wawezwa 13.4 wasiwa esiQithini saseRobben Island.'√ (1) 13.5 Wasiwa ecamagwini ngeenkomo ezimdaka, ezilubhelu nezimnyama. $\sqrt{\sqrt{3}}$ (2)13.6 Ngumoya woloyiko kuba wayenezoyikiso eziza kwehlela umntu ongayilandeliyo imigathango awayeyibekile.  $\sqrt{Ngumoya}$  wethemba kuba esithi kuvuka ababhubhayo ekufeni kulwandle bonke baya bephuma lwakwaGompo.√ (2)13.7 Isaci 'ukuza kukaNxele', sivela kwimbali engesenzo sikaNxele sokwenza iziprofetho ezingazange zazaliseka okanye ukulindwa kukaNxele owathembisa ngokubuya akaze abuye. $\sqrt{}$  Sesisetyenziselwa ukuchaza into elindelweyo ebonakala ingazi kuzaliseka. $\sqrt{\sqrt{2}}$ (3) 13.8 AmaRharhabe aqala angavumi ukwamkela izinto ezithethwa nguNxele kuba elindele amaphakathi akwaNdlambe. V/AmaRharhabe alikhupha lapoqa elokuba makade avunywe lo kaNxele. $\sqrt{}$ (2)13.9 Yinyanga yokubala iminyaka yobudoda.√√ (2)13.10 Luxwesiso. (2)DEFARTMENT OF BASIC DUCATION Tyhila iphepha Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001

**KING GUID** 

APPROVED MAR

XIN'

lsiXhosa l	Jlwimi Lwasekhaya (HL)/P2 17 SC/NSC – Isikhokel		3E/Meyi/Juni 2024	
13.11	NgamaXhosa√ kuba iSilimela iyinkwa iminyaka yobudoda bawo.√		elwa ukubala	(2)
13.12	Sisikhahlelo.√/Imbongi isebenzise uxwesiso.√ (Nasiphi na isibini kwezi)	uphindaphindo.√/Imbongi	isebenzise	(2)
13.13	'Kulapho yaqala khon'ukugagana.' $\sqrt{4}$			(2) <b>[25]</b>
		AMANQAKU EC	ANDELO B:	25

### ICANDELO C: IDRAMA

### UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

### Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

Kungaziintloni ukwayanyaniswa nomlinganiswa onguZwilakhe kule drama ngenxa yokuba esoyiswa kukuphumelela ukuba ngumzali ongumzekelo.

- Ubuzali obungumzekelo buye bufune umzali amamele, awavelele onke amacala kwingxaki, angaqweqwedisi, angafuni okukokwakhe. Konke okukhankanywayo bubuthathaka azibonakalisa enabo uZwilakhe kule drama.
- Kuluphawu olufunekayo ukufunga ungajiki kodwa kufuneka ufunge ungajiki kwimeko engagxobhi ukuphila nobomi babantu. Le drama imveza uZwilakhe njengomzali onobuthathaka bokufunga angajiki xa emela into ethethwe yinkosikazi yakhe kuze oko kufunga kwakhe angajiki kuphelele kwindyikityha yokufa.
- Ufunga angajiki ebubona ubomi bomntwana wakhe uGugulethu ukuba busemngciphekweni sisigqibo asithathayo. UGugulethu ubonisa iimpawu zokuqalwa luxinzelelo lwengqondo kodwa uyise aqhube ambophelele esithela ngesebe lesiko. Olu luphawu olungathandekiyo, olwenza iintloni ngakumbi xa luneziphumo ezibi ngohlobo olwenze ngalo.
- Ukwayanyaniswa nomlinganiswa ongakwazi kuqaphela imida yamalungelo namagunya anawo kwenza iintloni. UZwilakhe usebenzisa amagunya enkonzweni, kwiintlanganiso zamaHlubi ezixoxa ngomba wokuzeka konyana wakhe kanti nakwiinkundla zamatyala. Uyazithethelela bagqibele abaziziphathamandla bemxelela nje ngale ngxaki yakhe kodwa bangabi nawo amandla okumjika. Isiphelo sibayindyikityha yokufa.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

X, N.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001 APPROVED MARKING GUIDE DISTR SC

2 18 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha DBE/Meyi/Juni 2024

- Isikhwasilima anaso uZwilakhe umntu anga angafihla ubuso kuso sesokuthanda izwi lakhe ngendlela yokuba angakuthatheli ngqalelo okuthethwa ngabanye abalinganiswa. Ukungathatheli ngqalelo amacebiso awanikwa ngamaHlubi, uMzamo, necebiso likaMfundisi kumfohla kwelimnyama lona ihlathi. UGugulethu uthetha nangesenzo sokuzilela uNomaMpondomise avele apho uZwilakhe engasenayo nemfobe njengomzali. Akangezayamanisi naye umntu umlinganiswa othanda elakhe yedwa ilizwi.
- Kubanzima ukwamkela ukubanguntamolukhuni ngokokude angaziboni naxa esenza izinto eziphikisana nento ayishumayelayo. Kunga umntu angazifihla xa uZwilakhe ekhunjuzwa ngezinto azenzayo ezinxamnye nesiko athi ulimele ngelakhe. Ukunxiba izinxibo zaseNtshona, ukungabhinqi zimfele, ukuxoxela umba wobulawu endlwini yimizekelo yezinye kwizenzo azenza ephikisana nomlomo wakhe.
- Kunge umntu angazifihla xa ejonga iziphumo zokunyanzelisa kwakhe ukuba uThobeka nabantwana basiwe kuGugulethu obabalekileyo. Kuziintloni ukwayanyaniswa nomntu othatha izigqibo ezineziphumo ezikukufa.

Zonke ezi mpawu zikaZwilakhe zibeneziphumo zentlekele; kufe abantu abaninzi: uNomaMpondomise, uMaNyawuza unina kaNomaMpondomise, uThobeka nabantwana bakhe abathathu, uMaGaba unina kaGugulethu, uGugulethu ngesigwebo sentambo. Ezi ziphumo zibambisa amazinyo, kuziintloni ukwayanyaniswa nomntu onezenzo ezineziqhamo ezizizidumbu ezingaka.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

[25

(1)

(2)

(2)

### UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### **BUZANI KUBAWO – WT Tamsanqa**

- 15.1 Iqulethe iindaba zokuvunywa kwesicelo sothando lukaGugulethu nguNomaMpondomise.√
- (a) Bafana ngeenkani√ (b) Bohluke ngezixhobo abazisebenzisayo ukufikelela kwiminqweno yabo.√
   (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)
- 15.3 UMzamo uncedisa uGugulethu ukurhintyela igqaza elinguNomaMpondomise.√√/Ubonakalisa uvuyo ngokuxhawula uGugulethu emva kokuvunywa kothando lwakhe nguNomaMpondomise.√√/Uthetha noZwilakhe ukuba avumele uGugulethu atshate intombi ayithandayo.√√ (Nayiphi na kwezi)
- 15.4 Ileta ibangela ukuba uGugulethu aqiniseke ngentombi afuna ukuyitshata engenguye uThobeka ambonelwa ngabazali bakhe.√ Idulisa umahluko kwiinjongo zokutshatiswa nokutshata kukaGugulethu apho uGugulethu afuna ukutshata ngenxa yothando abe uyise efuna ukumtshatisa ngenxa yokuthanda

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

XIN'

PEPARTMENT OF BASIC PRIVATE BAG X895, PRETORIA 8001 2024 -06-APPROVED MARKING GUIDELIN PUBLIC

Isixnosa U	Ilwimi Lwasekhaya (HL)/P2 19 DBE/Meyi/Juni 2024 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha ikhaya lentombi.√ Le leta yomeleza umoya kaGugulethu atsho aphuncukelwe sisimilo de abize uyise ngexoki.√ (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)	(3)
15.5	Kwenze uZwilakhe, uLangeni noMcothama bazibone sebesukuzana nabantwana ngendaba yokutshatiswa kwabo elowo efuna ngendlela ehambelana nelakhe ixesha lokuphila. $\sqrt{}$ (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)	(2)
15.6	Kufe uNomaMpondomise√ umzali wakhe wafa√ uGugulethu nomzali wakhe bafa√ uThobeka nabantwana bakhe bafa.√/kubhubha uMzamo ngokuhlatywa. (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)	(2)
15.7	NgokaMzamo.√/NgokaNomaMpondomise.√/ NgokaMaNyawuza.√ (Nasiphi isibini kwezi.)	(2)
15.8	Yeyokuba ukungayilweli into oyifunayo kungakufaka kwingxaki enkulu enokuchaphazela ubomi bakho bonke.√√/Ngowokuba usana olungakhaliyo lufela embelekweni.√√ (Nayiphi na impendulo echanekileyo)	(2)
15.9	Yeyokuba ukufa okusele kwenzekile okukaMzamo, uNomaMpondomise noMaNyawuza kusezizinto ezincinci kusekho indyikityha yokufa kwabantu eseza kuza njengokufa kukaThobeka nabantwana bakhe, ukufa kukaMaGaba unina kaGugulethu kunye nokufa kukaGugulethu.√√ (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)	(2)
15.10	UGugulethu ukwelokuba kungasuke kufiwe kunokuba avume ukugoduswa asiwe kuThobeka. $\sqrt[]{}$	(2)
15.11	USathana ngokokubeka kukaMthetho ngumdali wezinto ezimbi ezehlela abantu nanjengoko sekukho nokufa okusekwenzekile. $\sqrt{}$	(2)
15.12	Noko isigwebo sibeqatha kakhulu√ kuba sidlula namagunya emithetho yeli lizwe ngokwanamhlanje√√/ Kaloku uGugulethu akazenzanga ngokubulala ubephantsi koxinzelelo lomoya nengqondo. Lilonke ubemele ukuba ukhe wabekwa naphantsi kweliso leenkonzo zonyango lwengqondo nomoya.√√	
	OKANYE	
	Sisigwebo esimfaneleyo esihambelana nemithetho yeliya xesha. $$ Kuba kuye	

Sisigwebo esimfaneleyo esihambelana nemithetho yeliya xesha. $\sqrt{kuba kuye}$  kudlanga ukubulawa kwabantu basetyhini nabantwana bade babe bangamaxhoba ngenxa yokuba singasiwa so isikhalo sababhinqileyo nabantwana. $\sqrt{\sqrt{kuba}}$ 

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

### UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha	BEPARTMENT OF BASIC	Ty
XIN'	PRIVATE BAG X095, PRETORIA 0001	NU
	APPROVED MARKING GUIDELINE	
	PUBLIC	

Tyhila iphepha

(3) **[25]** 

B

22 20 SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha DBE/Meyi/Juni 2024

### INDLAL'INAMANYALA – M Lamati

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

Kungaliqhayiya ukwayanyaniswa nomlinganiswa onguSiqhiwu kule drama kuba ulumelo lomntu onguntliziyontle kwabasekuhlaleni. Ungumlinganiswa ofuna ukuvuzwa ngento ayenzileyo. Akayifuni into eza kuye ngondlelamnyama. Akafuni ukubona umntu azalana nazana naye ephatheka kakubi. Uzimisela ukulwela eyiyeyakhe nemele ukuya komnye umntu apha ebalini. Kanti ke uzimisele ukuzenza idini apho kufuneka athelele kulungelwe nabanye. Unesibindi sokuyikhalimela into embi nokuba sele isenziwa ngumntu omdala. Akambombozeli ecaleni, uyangqala ukuze ilunge into ayilungisayo.

### USIQHIWU

Ukuxhasa uluvo olungentla uSiqhiwu ngumlinganiswa onokubaneqhayiya xa unokwayanyaniswa naye.

- USiqhiwu umela inyaniso akadibani nobuqhophololo. UMamQhinebe ongunina uthi sele esithi makanyobe azokufumana umsebenzi yena azalele endle esithi akanakwenza buqhophololo bokuqeshwa kuba esithi akanakunyobela amandla nengqondo yakhe. Oko kwenza ukuba umntu akuthande ukwayanyaniswa naye.
- USiqhiwu kwiphulo lakhe lokulwela namalungelo abanye abantu unqandela uSirhezu kubuqhophololo bukaMaqhikizane omosha amantombazana ngokuwaloba



ngemali nangengqesho. USiphokazi uthi sele ehilitekile yile mali nokutshatwa nguMaqhikizane luncede ungenelelo lukaSiqhiwu, abeliqhayiya.

- Kukwaliqhayiya kwakule meko kaSiphokazi kuba ubenesibindi sokumenza ahambe indlela efanelekileyo uSiphokazi ngoku sele ejongene namarhiwu acinga ukuba aluhlaza.
- Kubaliqhayiya ukumbukela ngomdla, engapheli mandla kuMaqhikizane obemdelile, ngenxa yokuba eqhele ukwenza njalo kwabalambayo abafana noSiqhiwu. Uzibonakalisa ngokumelana noMaqhikizane namandla azinika wona ngenxa yamagunya awafumana kubuqhophololo abusebenzisa ngenxa ye-ofisi abekwe kuyo.
- Kwakhona ukhangela ubungqina bokumbhabhisa, ambambise uMaqhikizane othatha izinyobo ukuze abanike umsebenzi abantu, aze ababhinqileyo abanike imali abathembise ngomtshato. Uyambhabhisa abufumane ubungqina. Eso sisenzo esenza ukuba umntu afune ukwayanyaniswa noSiqhiwu.
- USiqhiwu akubanobungqina obupheleleyo uya emapoliseni kwaye ufuna elona likwisikhundla esiphezulu elinguKheneli Sibane alithi thsuphe ngenyewe kaMaqhikizane. Ngoko umntu angafuna ukwayanyaniswa naye kuba wenze isenzo sobuqhawe.
- Unesikrokro sokuba unina angathi kanti unento engaqondakaliyo ayenzayo, abuzise kude kuvele ukuba kanti uba iintsana, ade aphelele ejele.
- Unyanzelisa ukuhlanganiswa noKheneli sibane angabuyi mva ipolisa limgatya.
   Omnye umntu ebenokutyhafaxa ejikiswa ngobunganga basesipoliseni kodwa wazama watyhudisa wahamba wanqandwa kukubonana nokheneli Sibane.
- UMaqhikizane uyabanjwa agwetywe ngenxa yobuqhawe bukaSiqhiwu, oku kwenza ukuba wonke umntu afune ukwayanyaniswa naye.

Lilonke kuliqhayiya ukwayanyaniswa noSiqhiwu kuba unenyani, akalufuni nolwaphulomthetho.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha X , N' X , N'

Tyhila iphepha

[25]


IsiXhosa Ulwimi Lwasekhaya (HL)	)/P2	22
	SC/NSC – Isiki	hokelo Sokumakisha

DBE/Meyi/Juni 2024

### UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### INDLAL'INAMANYALA – M Lamati

- 17.1 Wayemhambele njengomrhamente eyokuvuselela umrhamente wakhe. $\sqrt{}$
- 17.2 (a) Bafana ngentlupheko,√/ Bayafana bobabini babhujelwa ngamadoda kusekutsha emitshatweni yabo. √/ Bayafana bafundise abantwana babo bapasa ibanga le-12 ngoku basokola umsebenzi. √/ Bobabini ngoomama bebhatyi.√/ (b) bohluke ngokuba uMamQhinebe uliqili kanti uMaGatyeni unentliziyo enovelwano nobuntu kuba nobuqili agqibele enabo ubebufumene akunyangwa.√/ Bohluke ngenani labantwana uMamQhinebe unomntwana omnye abakaMaGatyeni bangaphezu kwesinye.√
- 17.3 UMaGatyeni uyambonisa uMamQhinebe xa engenzi kakuhle ephuma endleleni.√√/Umema amandla angentla okumthandazela xa ebona ephuma esiporweni.√√ (Nayiphi na kwezi)
- 17.4 Kukuthi uthunyelwe kuye nguThixo.√/Bubutyebi amthembisa ngabo ekukudala ebufuna.√/Kukumthembisa ngokumqinisa ukuze abenesibindi sokuqhuba umsebenzi oza kumnika imali ngaphandle kwedyudyu.√
- 17.5 USiqhiwu akavisisani nonina oselebhenela ekunyobeni uMaqhikizane ngenxa yokuba efuna aphangele. √√/USiqhiwu akavisisani noMaqhikizane ngenxa yokunyobisa akufunayo endaweni yokuqesha abantwana ngokwemfundo namaxesha abaphume ngawo esikolweni √√/Abazali benza izenzo ezimdaka ukuzalisekisa iimfuno zokunika abantwana ikhaya elililo baze abantwana bangahambisani nezenzo zabo.√√ (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)
- 17.6 Kukubiwa kweentsana.√/Ukubanjwa kwezaphulimthetho√. Isiqalo ebesisibi, sibuhlungu siyatshintsha lize ibali liphele selimnandi kuba abebesaphula umthetho, besiba iintsana ooMamQhinebe bayabanjwa√/ abebebulala abantu iintliziyo bengabaqeshi ooMaqhikizane bayabanjwa. √
- 17.7 Uba usana lwakwaLink.√/Uza namacebo nezisombululo malunga nomsebenzi wokuba iintsana. √ /Uyakhokela kulo msebenzi mtsha wokuba iintsana.√
- 17.8 Yeyokuba ukungakwazi ukuthi hayi kume ngawe kukutyhoba kwizinto ezimdaka. $\sqrt[]{}$
- 17.9 Yintsingiselo yokuba esenokubanjwa ngenxa yokuba iintsana.  $\sqrt{\sqrt{}}$
- 17.10 Ekubanjweni bavalelwe. $\sqrt{\sqrt{}}$



Tyhila iphepha

(2)

(2)

(2)

(2)

(2)

(2)

(1)

(2)

(2)

(3)

### 23

DBE/Meyi/Juni 2024

- SC/NSC Isikhokelo Sokumakisha 17.11 Ubhekisa kwinto ayoyikayo amcengela ukuba ayenze uMamQhinebe. $\sqrt{1}$ Ubhekisa kunyanzeliso aqweqwediswa ngalo nguMamQhinebe ukuba makangene kwiphulo lokuba iintsana ezithengiselwa uMagrazula. $\sqrt{\sqrt{3}}$
- 17.12 Noko isigwebo sibeqatha kakhulu√ kuba uMamQhinebe noMaGatyeni abazenzanga ngokuba abantwana bebephantsi koxinzelelo lwemithetho kaMagrazula ophuma emsulwa ngoku. $\sqrt{\sqrt{2}}$

### Okanve

Sisigwebo esibafaneleyo esihambelana nemithetho. $\sqrt{}$  Kuba kuye kudlanga ukushishina ngobiwo lwabantwana $\sqrt{\sqrt{2}}$  kuba uMzantsi Afrika ulelinye lamazwe asayine isivumelwano sokukhusela amalungelo abantwana.  $\sqrt{1}$ (Nayiphi na impendulo echanekileyo)

(3)

(2)

### [25]

### AMANQAKU ECANDELO C: 25

### AMANQAKU EWONKE: 80



SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha

24

### DBE/Meyi/Juni 2024

## **ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE**

## ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
	5-6	4	ñ	2	0-1
UMXHOLO	-lsihloko sitolikwe	-Ibonisa ukugonda	-Isihloko sitolikwe	-Avanelisi indlela	-Akanalwazi kwaphela
	ulu	g	helisavo	-	
Ukuhlalutywa	-linaxoxo ezinomtsalane	anve (	-Akho amandaku axhasa	oznqu	-Impendulo avikho
kwesihloko, ubunzulu	ezixhaswe	-Impendulo inazo	isihloko kakuhle	-Andongophele kakhulu	wesiho
bengxoxo, indiela	nankuvnkothekilevo	ezanel	-Fzinve iingxoxo	amangaku okuxhasa	-Impendulo ibonisa
azakuzela ngayo	kusetvenziswa isihobe	-Izimvo ezibambekavo	/e		g
ingxoxo,	-Impendulo ibonisa	zinikiwe nangona		-Impendulo ibonisa	
nokuwulandela	ulwazi olugqwesileyo	zon	ve	e	
kakuhle umhobe	Iwesihobe	ø	ngokwanelisayo.		
		e	-Impendulo ibonisa		
		-Impendulo ibonisa	olus		
6 AMANQAKU		ihobe	obe		
	4	m	2	-	0-1
ISAKHIWU	-Isakhiwo siyathungelana	-Isakhiwo sicacile kwaye	-Bukho ubungqina	-Isakhiwo sibonakalisa	-Isakhiwo sife amange
	-Ingxoxo ixonxwe kuhle	ingxoxo iyathungelana	besakhiwo	iziphene zoyilo	-Iziphene zolwimi
	kwaye izimvo zikhuliswe		-Isincoko sibonakalisa	-Ingxoxo	kanga
	ngokugqwesileyo	-Ukuthungelana	ukusilela	ayicwangciswanga	konke nesimbo
T	nangokucacileyo	kwengxoxo	kukuthungelana	ngokukuko	asichanekanga
A ARANDAKI	-Ulwimi, ithoni nesimbo	kuyalandeleka	nokunamathelana	-Bukho ubungqina	)
4 AIMANGANU	sokubhala zivuthiwe,	-Ulwimi, ithoni nesimbo	kwezimvo	beziphene zolwimi	
	ne,	sokubhala zichanekile	-Iziphene zolwimi	-Ithoni nesimbo	
	zichanekile	ubukhulu becala	zimbalwa, ithoni nesimbo	sokubhala	
r	-lgrama upelo		sokubhala zichanekile	azichanekanga	
	neziphumlisi		ikakhulu		
	azinazinhene kwanhela				

QAPHELA: Ukuba umviwa ubhale isincoko sephepha lesithathu mnike u-0 kumxholo no-0 kulwimi nesakh

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha $\chi_\ell N^+$ 

ANN DEPANTMENT OF BASIC EDUCATION PRIVATE BAO X896, PRETORIA 0001 APPROVED MARKING GUIDELINE The state of the s 1 2024 -06- 1 0 Lunand

SC/NSC – Isikhokelo Sokumakisha

25

DBE/Meyi/Juni 2024

# ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO	13–15	10–12	6-1	4-6	0-3
	-Impendulo igqwesile	ž	1	qn	
	Immondulo obolocolovio	iciblobo obonyo umburzo	asiyiyo yurke mua		ubuigqiila opububo ubuganda isiblaha
15 AMANQAKU	-irriperiuuro ebalaseleyo	-Impendulo initiouzo	-Akho amangaku	ukungena nzulu kwimiba	ukuqorida isinioko -limpendulo zisilele
	-Ukutolikwa okunzulu	ezanelis	sa		ukuph
X		-Izimvo ezibambekayo	ngokufanelekileyo	-Ambalwa amanqaku	
	-lingxoxo ezinomtsalane	zinikiwe nangona ingezizo	isihloko	axhasa isihloko	-Izimvo zibekwe
	ezixhaswe	zonke nje ezixhaswe	-Ezinye izimvo zixhasiwe	-limpendulo	ngendlela engacacanga
2	ngokuvokothekileyo	njengoko kufanelekile	kodwa ubungqina	ezichanekileyo zimbalwa	konke konke
	kusetyenziswa uncwadi	-Impendulo ibonisa ulwazi	abusoloko busamkeleka	kakhulu	-Alukho kwaphela ulwazi
1	-Ukuqonda okubalaseleyo	Iwejenre netekisi	-Ulwazi lwejenre/netekisi	-Luncinane ulwazi	lwejenre netekisi.
	kwejenre netekisi		alugqibelelanga	ngejenre netekisi	
ISAKHIWO	9–10	7–8	5-6	3-4	0-2
NOLWIMI	-Isakhiwo siyathungelana	-Isakhiwo sicacile kwaye	-Bukho ubungqina	-Isakhiwo sibonakalisa	-Ukungabikho koyilo
	-Intshayelelo nesiphelo	ingxoxo iyathungelana	besakhiwo	iziphene zoyilo	kwenza ukuba
	0	kakuhle	obungagqibelelanga	-Izimvo azithungelelani	kungabikho
	-Ingxoxo yakheke	-Intshayelelo nesiphelo	-Unamathelelwano	kakuhle	thungelelwano lwezimvo
	ngokufanelekileyo yaze	kunye nemihlathi	nothungelelwano	-Iziphene zolwimi	-limposiso zolwimi
	Ма	zicwangciswe ngendlela	Iwezimvo lukho, kodwa	ziyabonakala	nesimbo sokubhala esife
	-Ulwimi, ithoni nesimbo	edala uthungelwano	kukho iziphene	-Ithoni nesimbo sokubhala	amange zenza
	S	-Izimvo zithungelana	-Zikho iziphene zolwimi	asichanekanga	ukungavakali
10 AMANQAKU	sinomtsalane, sichanekile	ngokuchanekileyo	ezithile, ithoni, nesimbo	-Imihlathi ineziphene	kokubhaliweyo
		-Ulwimi, ithoni nesimbo	sokubhala sichanekile		-Ayichanekanga ithoni
		sokubhala sisetyenziswe	ikakhulu		nesimbo sokubhala
		ngokuchanekileyo	-Imihlathi ichanekile		-Ulwakhiwo lwemihlathi
		ikakhulu	ibabbulu		

QAPHELA: Makungabikho kwahluka kudlula kwisibini samabakala phakathi kwamanqaku wesakhiwo nolwimi kunye nawomxholo. Ukuba umviwa ubhale isincoko sephepha lesithathu mnike u-0 kumxholo no-0 kulwimi nesakhiwo.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

N X

APPROVED MARKING GUIDELINE

CLERE A THE L

PRIVATE BAG X885, PRETORIA 0001 DEPARTMENT OF BASIC

2024 -06- 10

15

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za